# Wapulwana Afrika Njenge sitya Esingananziweyo ?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

B'inqela iswe lako ! Lokusalwa kwako : I-Afrika le iyi Kanana kuwe : Izulu esilolako lele Ngilose :—

Hlaziya Yehova imihla yetu
Nje ngokwamandulo ko bawo betu
Ungaba usicakise mpela na
Ndlovu edla ezindle zase Kanana.

Ndizakuzongoma ndibuyelela
Ndixelise izulu lase Mtata
Ndode ndiqubule noba Lilaukazi
Kuba kakade alinxiwa laluto.

Kade simemeza amazwi atshile
Nanko "Umb'inqo" we Afrika uwile
Wapulwe na Afrika njenge sitya
Esinga nandziweyo sona isitya.

Ulinganisiwe wabonwa ulula
Litsho kabuhlungu Elomdal' Omdala
Ubukosi bako ngoko buhlutiwe
Banikwa intlanga ngomb'alo womnwe.

Kodwa ke namhlanje ndifun' aqondile
Make uzibuze woz' undingqinele
Ufune nembangi eyakubangela
Ukuba nje kwako nokufa yindlela.

Wapulwana Afrika njenge sitya
Esingenandziweyo sona isitya
Naku site sakufika emlangwini.
Sasela nendywala zotixo basemzini;

Wapulwana Afrika njengesitya
Esinganandziweyo sona isitya
Emka namasiko aye silungwini
Kuba sabancom' otixo base mzini:

Wadliwa zintaka Ntsimi ye Afrika
Ndayibona imfene emazinyo amdaka
Amazwi atshile kukuk'waza wena
Sigqibe lomhlaba simemeza wena
Camagu !

Ndizakuzongoma ndibuyelela
Ndinguyawavela bati wavela
Into efungwa nango sebeleni
Zigqushe nenkosi zidlobe nkundleni.
Camagu !

Uyapulwana Afrika njengesitya
Esingananziweyo sona isitya
Washiywa usapo washiywa yimfuyo
Yayamadlagusha namhlanje imfuyo.

Namhla sewulinywa zinqwelo zomlilo
Asilimi tina sikony' "Izililo"
Nango nama Tshay'na eze ngemitombo
Taruni zinduli zezwe nemitombo.
Camagu !

Bafabantu benu lemkizwe nezizwe
Maka vukeke nobesiti kuleliwe
Nango nama Kula eze ngo Banana
Wadlala ngo popi ke oka Manana.

Taruni matafa Ezwe lakowetu.
Vusani "Inimba" yakuma kowetu
Kenisinyuse nase matambekeni
Nje ngemihlambi ebhekis' engqeleni
Camagu ! Bo !